**INkcazelo yeForam yeNguqu ye-DSAf ekuphenduleni iSehlo saseHuis Marais**

*19 kuMeyi 2022*

Thina njengeForam yoTshintsho i-DSAf emele amaziko ahlukeneyo kunye neekhampasi ezikwiCandelo leMicimbi yaBafundi kuquka nommeli ovela kwi-ofisi yoTshintsho sinqwenela ukoleka umsundulo njengoko sisigxeka kabukhali isehlo sakutshanje e-Huis Marais ngeCawa, umhla we-15 kuMeyi wama-2022 apho umfundi achamele izinto zomnye umfundi. Siyalucekisa naluphi na uhlobo localucalulo nobundlobongela - nokuba luselubala okanye lungasese - kubandakanywa kodwa kungaphelelanga kuhlaselo oluncinci, uhlaselo ngokwesondo, nezenzo ezichaphazela isidima somntu, sabasebenzi nabafundi bethu.

NjengeForam sisandula ukuphehlelela **iTshatha yethu yeNguqu ye-DSAf** [1]kwaye esi siganeko sichasene nesibhambathiso sethu esisibophelelayo "ekudaleni amava okufunda okunotshintsho kubafundi nabasebenzi bethu ababandakanya konke nokuba injani imeko yentlalo noqoqosho, ubudala, uhlanga, ubuni, isakhono, isini, umtshato, inkolelo, ubuzwe okanye imvelaphi ngokweenqobo zokuziphatha okanye intlalo, inkcubeko, ubuzwe, ulwimi, nokuzalwa ngaloo ndlela kusebenze ukufikelelaka jikelele intlonipho yokuchazwa komntu ngeendlela ezahlukeneyo neendlela nokubonakaliswa koko."

Njengabasebenzi be-DSAf, sabhambathisa ngelithi:

(i) siza kubonelela ngekhaya lokufunda kubo bonke abantu ukuze baphumelele baphathwe ngembeko nangobuntu;
(ii) siza kumisela indawo apho abasebenzi nabafundi bethu banendawo ekhuselekileyo yokuba babe ngabo; kunye
(iii)nokumilisela imvakalelo yobuntu nesidima somntu".

Ngoko ke, siyavuma ukuba kuninzi ekufuneka kwenziwe ukutshintsha zonke iindawo e-SU.

Emva kweziganeko ezininzi ezenzekileyo kwindawo yokuhlala yamadoda e-Huis Marais, ngowama-2019 isigqibo sathathwa liQoqo leNgqonyela ukuba siphinde siyisebenzise indawo yokuhlala. Isigqibo sathathwa ngesindululo seZiko loLuntu lwaBafundi, iCandelo leMicimbi yaBafundi kunye neDVC: L&T, ubunkokeli be-DSAf kunye neZiko laBafundi noLuntu (CSC) ukuba bahlengahlengise indawo yokuhlala ukuqinisekisa ubandakanyo ibonakalisa iinqobo ezisemgangathweni zeli ziko. Ngowama-2020, iingxoxo kunye ne-DSAf, i-CSC kunye neenkokheli zendawo yokuhlala zithathe esi sigqibo silandelayo esathi saziswa kwiinkokheli zeendawo zokuhlala neyunivesithi ngokubanzi ngowama-2020:

[1] Icandelo: Imiba Yabafundi: USomqulu Weenguqu



forward together
sonke siya phambili
saam vorentoe

Division Student Affairs | ICandelo Lemiba Yabafundi |Afdeling Studentesake
+27 21 808 4585 | studentesake@sun.ac.za | www.sun.ac.za
Private Bag X1 | Privaat Sak X1 | Matieland 7602 | South Africa | eMzantsi Afrika | Suid-Afrika

- ukungafaki abafundi bonyaka wokuqala kwindawo yokuhlala ngowama-2021 njengoko kwenziwa ngowama-2020
- ukudala indawo yokuhlala yokufundisana eya kubandakanya abasetyhini

Ngowama-2020, isigqibo sathathwa liQoqo leNgqonyela esathi sajika ezi zigqibo zikhankanywe ngasentla ezichazwe yi-DSAf. Esi sigqibo satshintshwa luxinzelelo lwesimangalo sabafundi nokwakha imvumelwano phakathi kweyunivesithi, iKomiti yeNdlu kunye nabafundi base-Huis Marais.

Uthethwano olwahlukeneyo oluququzelelwe ngabacebisi bangaphandle nabahlali luye lwalandela, apho iinkokheli zendawo yokuhlala nabafundi baye bazibophelela ekutshintsheni inkcubeko kwindawo yokuhlala basebenzele intlantlo-ninzi nobandakanyo.

Isiganeko sakutshanje sibonisa ukuba mninzi umsebenzi ekusafuneka wenziwe kwaye ungenelelo olwenziwe liQoqo leNgqonyela (yiRectorate) ukutshintsha inkcubeko kunye nendlela yokuziphatha ye-Huis Marais ayiphumelelanga ukuvelisa iziphumo ezinqwenelekayo. Kubonakala ngokuthontelana kweziganeko ezixelwayo ukuba iinkcubeko eziyityhefu zobudoda nezobuhlanga zimiliselwe kwiindawo zethu zokuhlala neendawo zaseyunivesithi. Ezi azinandawo kwiyunivesiti entlantlo-ninzi yeenkcubeko ezahlukeneyo, kunye neelwimi ezininzi noluntu ngokubanzi.

IForam ibambisene ne-Ofisi yoTshintsho ye-SU licebisa la manyathelo alandelayo njengomkhombandlela:

1. Simema ukuba kubekho ingxelo ye-SU ecacileyo echaza inkqubo yoluleko yesiganeko e-Huis Marais ebandakanya amaxesha nengcaciso yenkqubo. Ingxelo ezinikwa rhoqo ngethuba nazo ziyafuneka ukuze kuqinisekiswe uxanduva lokuphendula.
2. Kubalulekile ukuba uqeqesho lwazo zonke iiKomiti zeNdlu kubandakanywa ne-Huis Marais kufuneka lubandakanye ulwazi olunzulu lwentlantlo-ninzi noqeqesho olungenabundlobongela ngokwesini.
3. Njengabasebenzi be-DSAf kufuneka sikhulise ukuxatyiswa kwamava abafundi nabasebenzi bazo zonke iimvelaphi ukuze sixhotyiswe ngokwaneleyo sikwazi ukujongana nemicimbi yentlantlo-ninzi nokubandakanyeka. Ngoko ke kukho imfuneko yokudala indawo ekhuselekileyo yokuba abasebenzi be-DSAf bachaze ngeziganeko zobuhlanga, ubundlobongela obusekelwe kwisini nezinye iintlobo zocalucalulo nokungalingani kwezikhundla e-SU.
4. Ngokwengxelo ephuma kwiNgqungquthela yeNguqu ye-DSAf ngowe-11 kuMatshi 2022, abaphathi be-DSAf kufuneka baqubisane ngokukhawuleza nemiba ezisiwe kubo xa iphakanyisiwe kuba ingaqwalaselwa kwamanye amanqanaba.



forward together
sonke siya phambili
saam vorentoe

Division Student Affairs | ICandelo Lemiba Yabafundi |Afdeling Studentesake
+27 21 808 4585 | studentesake@sun.ac.za | www.sun.ac.za
Private Bag X1 | Privaat Sak X1 | Matieland 7602 | South Africa | eMzantsi Afrika | Suid-Afrika

5. Ngokwezindululo **zesiHlomelo seTshatha yeDSAf,** [2]iTshatha yeeNguqu ye-DSAf "ifanele ukuba yinxalenye yeqela loKwamkeleka kwabasanda kungena (abafundi abatsha)".
6. Ukubonisana ne-Ofisi yoTshintsho ye-SU ekucwangciseni ungenelelo ngoncedo lwekharityhulam ye-DSAf nophuhliso lwabasebenzi.
7. Simemelela ukusekwa kwekomishini yophando ukuze kujongwe ubuhlanga nezinye iintlobo zocalucalulo nobundlobongela obusekelwe kwisini obuhlala buzinziswe nzulu e-SU ngenjongo yokutshintsha inkqubo.
8. Simema ukuzibophelela kweQoqo leNgqonyela ukuba lithathe amanyathelo abambekayo okusingisa kwinguqu ekwimo yoMgaqo-nkqubo we-SU weNguqu ohamba nesicwangciso seNguqu esinezalathi ezingqinisisekayo ezibambe iimeko ezahlukeneyo ezinoxanduva lokudilizwa kobukoloniyali kunye nokuguqulwa kwe-SU kuwo onke amanqanaba.
9. Simemelela iQoqo leNgqonyela ukuba licingisise lize liziphendulele ngokujikwa kwezigqibo zalo ezathathwa ngowama-2020 ngokubhekiselele kuhlengahlengiso nokuguqula iHuis Marais.

[2] Isihlomelo kweli Candelo: USomqulu Weenguqu Kwimiba Yabafundi





Division Student Affairs | ICandelo Lemiba Yabafundi |Afdeling Studentesake
+27 21 808 4585 | studentesake@sun.ac.za | www.sun.ac.za
Private Bag X1 | Privaat Sak X1 | Matieland 7602 | South Africa | eMzantsi Afrika | Suid-Afrika